



Iindlela zokuphucula izakhono zokufunda, zokubhala nezokubala imaths ekhaya

Abazali badlala indima ephambili ekuphuculeni izakhono zokufunda, zokubhala nokubala imaths zabantwana babo, ngokophando. Akwanelanga ukusuka umthumele nje umntwana wakho esikolweni - kusekho okuninzi onako ukukwenza nilusapho, ukuphucula ezi zakhono ekhaya.

Ezi ngecbiso zilandelayo zizinto onokuzenzela abantwana abakumaBakala R – 6.

- **Ncokola** nomntwana wakho ngesikolo – ngabahlobo bakhe, ngezinto azenzayo, ngootitshala nangee-asayinmenti.
- **Zibekela injongo** – qinisekisa ukuba zinako ukufikeleleka, uze ugxininise ekufikeleleni kuyo nganye ngexesha.
- **Mncome** umntwana wakho kwezo zinto athe waphumelela kuzo – gxininisa kwezo akwazi ukuzenza kakuhle uze uvuyele inkqubela-phambili yakhe.
- **Mkhuthaze** umntwana wakho xa engaluphumelelanga uvavanyo – luvavanyo nje, ayikuba umntwana wakho ngungantweni ongazinto. Ngokunonelelwa nangokunikwa inkxaso eyiyo, uya kuqhuba kakuhle.

Umsebenzi wesikolo wasekhaya – banga ntoni abazali?

- **Hlala unolwazi** – thetha notitshala womntwana wakho. Yazi injongo yomsebenzi wesikolo wasekhaya, nemithetho yeklasi
- **Bonisa umdla** ngesikolo nangomsebenzi wesikolo wasekhaya
- **Mncedise umntwana wakho ngokulawula ixesha** – beka ixesha ngosuku ngalunye lomsebenzi wesikolo wasekhaya. Ungawuyeki umsebenzi wesikolo wasekhaya kude kube lixesha lokulala. Umsebenzi weeprojekthi ezinkulu wenziwa ngeempela-veki, ingakumbi xa zibandakanya nabanye abafundi kuloo klasi. Zahlule ii-asayinmenti zibe ncinane, ibe ziziqwengana ezilawulelakayo. Kuthintele ukwenza amagxashi-gxashi ekuseni phambi kokuya esikolweni – lungisa iimpahla nezinye izinto kwangobusuku obungaphambili.
- **Makubekho indawo yokufundela enenzolo** – enamaphepha okubhala, iimakha, irula, iipensile nesichazi-magama.
- **Ungaze umenzele umntwana wakho umsebenzi wasekhaya!** Tshekisha kutitshala womntwana wakho malunga nokulungiswa komsebenzi wesikolo wasekhaya.

Umnika njani umntwana wakho inkxaso ekufundeni nasekubhaleni

- Menze akufundele umntwana wakho yonke imihla.
- Menze abone wena ufunda ukulungiselela owakho umsebenzi, ufundela ukuzonwabisa neenjongo zokufumana ulwazi.
- Myeke umntwana wakho afunde ngalo naluphi na ulwimi aluthandayo.
- Ncokola nomntwana wakho ngaloo nto ayifundayo – ngoobani abalinganiswa abaphambili, kwenzeke ntoni kubo, kutheni, ingaba oko yinto entle okanye embi? (Oku kukunika ithuba elihle lokuthetha ngeemfundiso ezisisiseko).
- Pheka naye umntwana wakho – funda naye iiresiphi neeleyibhile, yenzani incwadi yasekhaya yokupheka.
- Phononongani iincwadi kunye – buza imibuzo – thethani ngamagama amatsha neembono ezintsha, xoxani ngemifanekiso, ngabalinganiswa nangezinto ezibakhuthazayo, zinxulumaniseni ezi zinto nobomi bosapho lwenu.
- Fundela abantwana abancinane iingonyana zabancinane (nursery rhymes) (abalungiselela ukuqala isikolo ukuya kutsho kwiBakala 3), nezivakalisi ezithathwe kwiimagazini nakwizaziso zentengiso. Yithi makatsho amagama anemvano-siphelo efanayo.
- Khuthaza abantwana abadala (abakumaBakala 4 – 6) bafunde ibali, balibalise kwakhona ngokwabo besebenzisa awabo amagama kwaye babhale izivakalisi ezimbalwa ngebali elo.
- Baliselanani amabali, thethani kunye ngembali yosapho lwenu, nize nixoxe ngeenkumbulo zeehambo zenu kunye.
- Bhala kunye nomntwana wakho – mnike izinto zokubhala ezininzi nephepha, mkhuthaze umntwana wakho azobe aze abhale ngokwakhe, mkhuthaze abhale iiletana/amakhadi okubulela aya koomakhulu/kootatomkhulu, iilisti zokwenza okuthile, ukubhala imiqondiso enjengemiqondiso yendlela - umz. Lumka! njl. njl.
- Yiyani elayibrari qho – bakhuthaze abantwana bakho ukuba bafumane amakhadi aselayibrari abo, bajoyine iiklabhu zeencwadi zeentsapho, bakhethe ababhali ababathandayo uze umjoyine umntwana wakho ekukhangeleni iincwadi ezinomdla.
- Yithi umntwana wakho akubonise oko bakwenzileyo yonke imihla, ukusebenzisa izakhono zokufunda, zokubhala nokubala.



Iindlela zokunika inkxaso umntwana wakho weSigaba seSiseko kulwazi lokubala

ISigaba seSiseko siqala kwiBakala R kwisikolo sepri-prayimari kuye kwiBakala 1 ukuya ku-3 kwisikolo saseprayimari.

Umsebenzi wesikolo wasekhaya

- Tshekisha ukuba ngaba abantwana bakho bayawufumana na yonke imihla umsebenzi wesikolo wasekhaya wolwazi lokubala (imaths). Bakhuthaze abantwana bakho bawenze, kuba baya kuqhubela phambili kuphela ukuba baziqhelisa ukuwenza qho. Thetha nesikolo ukuba oko akwenzeki.

Sota ubale

- Yithi umntwana wakho **makasote** izinto apha endlwini uze umxelele ukuba azibeke kunye, umzekelo izinto zokunxiba ezifanayo ngombala okanye uhlobo lwempahla oluthile. Mbuze ukuba kutheni enze isigqibo sokuba ethile ayidibanise nezithile.
- **Bala** uye kufika kwizinto eziyi-100; yithi umntwana wakho makazidibanise azibeke zibe zizi-2, zizi-3, zizi-4, zizi-5, zizi-10 njl. njl. Yahlula-hlula ngala manani: 2, 3 ngeendlela ezahlukeneyo.
- Mkhuthaze umntwana wakho **aqikelele**, umzekelo, ukuba ziimakharoni ezingaphi ocinga ukuzipheka xa upheka isidlo semakharoni netshizi, yibale imakharoni ukutshekisha.
- Mkhuthaze umntwana wakho akuncedise xa upheka okanye ubhaka, umzekelo, makenze isiqingatha (ekomityi yomgubo wengqolowa njl. njl.
- Yahlula phakathi ngokulinganayo (halving) (qala wabele iilekese **abantwana aba-2 naba-3** okanye abangaphezu koko) buya uphinde. Yithi makasike isendiwitshi ibe zizahlulo **ezilinganayo** ezi-2, ezi-3 okanye ezi-4.

Imilinganiselo nemali

- Mkhuthaze umntwana wakho omncinane asebenzise isandla okanye unyawo lwakhe ukubonisa umgama njl.njl. Kamva sebenzisa irula/ iteyiphu yokumejarisha ukulinganisa ubude bezinto, amacala eemilo, umjikelo ophelileyo webhola okanye wetapile, njl. njl.
- Yithi umntwana wakho akuncedise nisote izinto apha endlwini, umzekelo, izinto ezinzima zibekwe kwishelfu esezantsi, ezilula zibekwe kwishelfu ephezulu kwikhabhathi yegrosari.
- Yithi umntwana wakho makathenge into evenkileni xa uthenga igrosari okanye impahla yokunxiba. Yithi makatshekishe itshintshi. Yenzani umdlalo wokuba ngunovenkile ekhaya ngezo zinto nizibeke amaxabiso. Yithi umntwana wakho abeke amaxabiso ezinto ukuqalela kweyona nto ibiza kakhulu ukuya kweyona ibiza kancinane.

Ixesha

- Yithi umntwana wakho makakuxelele ixesha apha emini. Qala nje “ngeyure” uze udlulele ‘kwiziqingatha zeyure’, uze ‘kwiikota zeyure’ uze ugqibele ngemizuzu, umzekelo: Yimizuzu engamashumi amabini anesithandathu emva kweyesihlanu.
- Menze umntwana wakho abenolwazi lobude bexesha, umzekelo, mbuze: Yeyiphi ethatha ixesha elininzi, ukuhamba okanye ukuqhuba niye esikolweni okanye ukutya isopholo?

Ukubala xa useluhambeni

- Sebenzisa ixesha lakho kakuhle xa useluhambeni; jonga iinambalepityi zeemoto. Yithi umntwana wakho adibanise iinombolo ezi-2 zokuqala okanye ezi-3 zokugqibela, okanye athabathe elona nani lincinane kwelo likhulu.

Iimilo

- Menze umntwana wakho abenolwazi ngeemilo ezingaphakathi endlwini naphandle, umzekelo, izikwere, iizangqa, iingxande noonxantathu.
- Mkhuthaze umntwana wakho afumane iipatheni kwindalo, umzekelo, amagqabi, iintyatyambo, isanti evuthelwa ngumoya njl.njl.

Imidlalo emayidlalwe

- Mkhuthaze umntwana wakho adlale oodominio (dominoes), u-snakes and ladders, u-ludo, nemidlalo yamakhadi (card games) efana nale: ‘Happy Families’ no-Heads and Tails, ukutsiba, ihopscotch nemidlalo eqhelekileyo efuna abale.

MUSA ukwenza oku kulandelayo (kubo bonke abantwana):

- Ukubeka umntwana wakho phantsi koxinzelelo. Ukuba ufumana ubunzima ekubaleni, kubhetele uye kuyixoxa notitshala loo ngxaki.
- Ukudlulisela uluvo lwakho lokoyisakala ukubala imaths kumntwana wakho, umz. ‘Ndandingenako ukukwenza oku ndisafunda, nawe phantse ungabi nako ukukwenza.’
- Ukuzikhathaza ngeempazamo; sifunda ngokujongana nemingeni nangokwenza iimpazamo maxa wambi.
- Ukumxhesha umntwana wakho uze ukhawuleze ngobungxamo umxelele impendulo.

YENZA OKU:

- Mkhuthaze umntwana wakho azame ukuzibalela ngokwakhe isibalo esibalwayo.
- Mncome ngokuphumelela kwakhe, nokuba kuncinane.
- Khumbula ukuba ukubuza imibuzo kubaluleke njengokufumana iimpendulo.
- Sebenzani okwethutyana nje. Yeka xa umntwana eziva ediniwe.

Ukunika inkxaso umntwana wakho okwiSigaba esiPhakathi kwimathematika

ISigaba esiPhakathi siqalela kwiBakala 4 ukuya ku-6.

Umsebenzi wesikolo wasekhaya

- Tshekisha ukuba ngaba abantwana bakho bayawunikwa na umsebenzi wesikolo wasekhaya wemathematika yonke imihla.
- Mxhase umntwana wakho xa afunda iithayimthebhile zakhe (times tables) ngentloko, umzekelo, zitshoni kunye, iitheyibhile zika-7 ukuya phambili nokubuyela umva. Mbuze imibuzo umntwana wakho, ngeendlela ezahlukeneyo ezifana nezi: izixhenxe ezisithoba? Zingaphi izixhenxe ku-49? Isixhenxe usiphinde kane? Amashumi amane anesibini ahlulwe ngesixhenxe? Isithathu siphindwe ngesixhenxe? Kuphindwa liphi inani ngesixhenxe ukwenza amashumi asixhenxe? Abantwana mabafunde ulwimi lwemathematika.
- Mnike inkxaso umntwana wakho xa afunda iindibaniselo zamanani (iibhondi) ngentloko –ubuncinane kuye kumashumi amabini umz. $8 + 7 = 15$, $7 + 8 = 15$, $15 - 8 = 7$, $15 - 7 = 8$

Umlinganiselo nemali

- Mkhuthaze umntwana wakho asebenzise iiresiphi ukukunceda xa uphekela okanye ubhakela usapho lwakho. Mabalinganise ubungakanani baze bandise okanye banciphise ubungakanani bezinto xa abantu bebaninzi okanye bembalwa.
- Cela umngeni kumntwana wakho wokuba aqikelele ubude bento, myeke asebenzise irula/ iteyiphu yokumejarisha ukutshakisha uqikelelo esebenzisa iiyunithi, m, cm, mm needesimali ukuba kunokwenzeka.
- Hamba nabantwana bakho xa usiya kuthenga ezivenkileni. Yithi mabafune ezona ndidi zeziveliso zibiza kancinane. Sebenzisa izaziso zamaxabiso athotyweyo eesuphamakethi ukuba kuyimfuneko. Yithi makaqikelele itshintshi aze ayitshakishe emva kokuba uhlawule. Yithi mabase ixabiso elineesenti kwelona xabiso likufuphi liyi-R1. 00, umzekelo R1, 60 isiwe kwi-R2,00.
- Abantwana abadala bangasebenza ngezixa-mali abazongayo xa bethenga izinto ezithengiswa ngamaxabiso aphantsi, umzekelo, sithetha ukuthini isaphulelo esiyi-25%?



Ixesha

- Buza umntwana wakho ixesha emini - ngazo zombini iindidi – iwotshi yamasiba newotshi eyidijithali. Bayeke babale ukuba bathatha ixesha elide kangakanani ukutya isopholo yabo okanye ukwenza umsebenzi othile.
- Yithi makabhale ubude bexesha alisebenzisa ekubukeleni iTV ngemini nganye evekini. Yithi makenze oku kulandelayo:
 - ◆ abale ixesha lilonke abukela ngalo ithivi ngeveki
 - ◆ abale i-avareji yexesha abukela ngalo ithivi ngosuku



Ukubala xa useluhambeni

- Sebenzisa iinamba-pleyiti zeemoto ukudibanisa amanani, uziphinde okanye uzenze zibe ngamanani apheleleyo amancinane namakhulu, umzekelo, 2357789 no-9877532.

Iimilo

- Yithi makakhethe iimilo neepatheni ngaphakathi nangaphandle endlwini, nakwindalo, umzekelo, 'Uyayibona into enemilo yoxande?' Mangaphi amacala nee-engile kwimilo nganye?

Imidlalo emayidlalwe

- Mkhuthaze umntwana wakho adlale iidrafti, itshesi, umdlalo iChinese checkers, uMraba- raba neminye imidlalo edlalwa ngezinto zokubala.